

**POSSIBLE ANSWERS FOR:**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA  
UHLELO OLUPHANTSI  
(Iphepha Lesithathu)**

**IXESHA: 2 liyure**

**AMANQAKU: 80**

**ICANDELO C****UMBUZO 4.1**

- 4.1.1 Luncwadi olungabhawanga.
- 4.1.2 Ubumveli bobu bokuthi umqambi alubonakalise ngokulwenza phambi kwabantu ababukeleyo.
- 4.1.3 Intsomi yimbalana yobuxoki ekunokuqhotyoshelwa kuyo izithethe zesizwe eso okanye kubandakanywe inkcazelo zezishiqi zasendalweni okanye kusetyenziswe intlalo yezilwanyana kuzanywa ukusombulula izinto zentlalo yoluntu. (4)
- 5.1.4 Uphinda-phindo, izafobe, izifanekisozwi, ukulinganisa ngomzimba, umculo, amagama ambaxa nokugingxiza kwentetho.
- (a) Idami lezilwanyana
- (b) Intombazana nesigebenga
- Udyakalashi nengonyama 2x3 = (6)
- [20]

**OKANYE****UMBUZO 4.2**

- 4.2.1 (a) Lulwini
- (b) Zizandla
- (c) Yi-emele
- (d) Nguloliwe
- (e) Ngumvundla (10)
- 4.2.2 Mhla uthile izilo zamenywa ukuba ziyokwamkela imisila yazo, mbilandini nako isonqena ukuya kwindawo yolwabiwa kwemisila kuba igcakamele ilanga. Uthumele ukuba yena makaphathelwe owakhe umsila Ezayayo zabuya nemigqajolo yemisila, zalibala ukuphathela imbila. Ngoko ayizange ifumane msila, yiyo loo nto ingenawo nje namhlanje. (10)
- [20]

**OKANYE****UMBUZO 5.1****5.1.1 Intlupheko emzini kaNozenza**

Umbhali usibalisela ngokufika kweenkumbi nomqikela. Sithe isivuno besithembisa zafika zona zatshabalalisa aphela amathemba basala abantu bebhuqwa yindlala. Kwabanzima ebantwini ababengenalo uqoqosho abantu abafana noNozenza.

- Ngoku uNozenza ebesele ephila kukungqiba
- Uthi akukruqula kulomzi, aye kuba yincukuthu komnye.
- ONongaliphi batshelwa nje ziityesi bazama ukuvimba uNozenza.
- KwaNosetha kuqulunqwa icebo lokuphamba uNozenza ongasoze aphoswe lixesha lenyama kude kutshintshwa nexesha lesidlo nomthandazo.
- UNozenza ubnenela ekubeni abe iibhokhwe zabantu.

(6)

**5.1.2 Inyama etyiwa kwaNozenza**

Le yinyama yeebhokhwe zabantu ezazibiwa ezintlanti nguNozenza nosapho lwakhe.

- Babesithi bakufika esibayeni sendoda, ibanjwe ibhokwe igwadiswe, zivalwe zombini imbobo, ife ke ingakhalanga bemke nayo.
- Ibihlinzelwa kwihlathi eliphantsi kwelali, kongulwe inyama ngobunono ishiywe apho ubukhulu becala.
- Ubesithi akugqiba ukutya inyama abakhuphe phandle abantwana, athi xa bengena endlwini abatshize ngamanzi.
- Yonke ke le migudu yeyokokuba kugxothwe ikati eziko kodwa angabhaqwa.
- Ibisithi eshiyekileyo iqhushekwe entungo.
- URhano ke luqala mhla uZemka wabalisa.

(8)

**5.1.3 Isisombululo sengxaki**

UNozenza wohlukene nomkhuba wokuxhela iibhokhwe zabantu akuba ekrokrelwa. Akuphela amacebo unyanzeleka ukuba afune umsebenzi umoyise laba akawazi. Uyagxothwa kodwa ngethamsanqa ufumana ithuba lokufunda umsebenzi apho kusebenza intombi yakhe. Ude azifumanele owakhe. Ngoku uyintokazi engumsebenzi waseMonti, egoduka ngeempelaveki.

(6)  
[20]

**OKANYE**

**UMBUZO 5.2**

- 5.2.1 Nozenza
- 5.2.2 Solani
- 5.2.3 MaDlamini
- 5.2.4 MaMjwarha
- 5.2.5 MaRhadebe
- 5.2.6 Nozenza
- 5.2.7 Tshandu
- 5.2.8 Nqaba
- 5.2.9 Landela
- 5.2.10 Qinirha

10x2 = [20]

**AMANQAKU SELEWONKE: [80]**

## POSSIBLE ANSWERS FOR:

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA  
UHLELO OLUPHANTSI  
(Iphepha Lesithathu)

## ICANDELO A

## UMBUZO 1

## UBUCHULE BOKUBHALA ISINCOKO NENDLELA YOKUPHONONONGA

	ibakala 4 uphumile kwisihloko tu. umxholo ongangqalanga esivuselela umdla.	ibakala 3 ukufikelela kwisihloko, kodwa ingabonakalisi buchule namdla.	ibakala 2 ukufikelela ngokwanele isayo kwisihloko nobuchule ekutolikeneni isihloko.	ibakala 1 ukufikelela ngqo kwisihloko, - ubuchule ekuyileni
1	(4)	(2)	(3)	(4)
2	Ilevel 1 - Impazamo ezimbalwa kakhulu zokupelwa kwamagama - Isigama esihle. - Ingcaciso yamazwi anka umdla. - Ukusetyenziswa ngendlela efanlekileyo yeziphumlisi.	Ilevel 2 - Impazamo ezimbalwa zakkupelwa kwamagama - Amagama afanelekileyo. - Ingcaciso yamazwi avumelekileyo. - Impazamo ezisabalwa zeziphumlisi.	Ilevel 3 - Impazamo ezininzo zokupelwa kwamagama - Amagama angafanelekanga - Ingcaciso yamazwi enganiki umdla - Ukungasetyenziswa ngendlela efanlekileyo kweziphumlisi	
3	(4)	(3)	(2)	
	Ukwakhiwa. Kwesivakalizi Ukusetyenziswa kolwimi	- Ukuthungelelana kwezivakalizi ezahlukileyo nokwakhiwa kwazo - Indlela ecacileyo yokusetyenzisa kolwimi	- Izivakalisi ezipheleleyo - Indidi zezivakalisi ezahlukileyo - Ukusetyenziswa kakuhle kwezivumelanisi nezimelabizo 4/6	- Izivakalisi ezingaphelelana - Imiyalelo engeyiyo yokusetyenziswa kolwimi ekuxhomekeka ekuqandeni umxholo
(6)	5-6	(4)	(3)	

4	Ukwahlulwa kwemihlathi	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Ukwahlulwa kwemihlathi kakuhle nobude bawo.</li> <li>- Umanyano lokufikelela kwisihloko</li> <li>- Umanyano lwemihlathi nezivakalisi usebenzisa ukulandelelana kwezihlanganisi 6/7</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Ukulinga ukukwahlula imihlathi</li> <li>- Umanyano lokufikelela kwisihloko olungenampumelelo.</li> <li>- Intshayelelo, isiqu, isiphelo esibubungqina. 3/5</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Akukho kwahlulwa hlulwa kwemihlathi izivakalisi eziqethe ngaphezu kwegngcinca enye</li> <li>- Akukho bungqina obubonakalyo bentshayeleyo, isiqu kunye nesiphelo ½</li> </ul>
	(4)	(4)	(3)	(2)
5	Intshayelelo	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Intshayelelo efanelekeleyo, ebambekayo 5/6</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Emfutshane.</li> <li>- Eneziqhamo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Ende.</li> <li>- Exubhulayo ½</li> </ul>
	(2)	(2)	(1½)	(1)
6	Isiqu	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Ukulandelelana kweziganeko ezithi zakhe</li> <li>- Ilojiki ekufikeleleni kuvuthondaba olunomdla.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Ukuzama ukulandelelwa iziganeko ezithi zifikelele kuvuthondaba oluvakalayo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Uluhlu lweziganeko ezingavakaliyo eziswele ukulandelelaniswa kakuhle.</li> <li>- Akukho kufikelela kuvutho ndaba.</li> </ul>
	(8)	7-8	5-6	3-4
7	Isiphelo	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Isiphelo esivakaleyo esiqukumbela ibali ngomdla</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Isiphelo esiswele umdla.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Akukho siphelo</li> <li>- Ezikhoyo isiphelo sisiphelo nje esiqetyiweyo.</li> </ul>
	(2)	(2)	(1)	(½)

**AMANQAKU: 30**

**AMANQAKU EWONKE: [30]**

## ICANDELO B

## UMBUZO 2

## INDLELA YOKUPHONONONGA UKUBHALWA KWENCWADI (IILETA).

## UHLELO OLUPHANTSI

1	Indlela eyiyo ye: Dilesi Isibuliso Isiphelo	Ibakala 1 100% ukugqibelela Indlela efunekayo Yokubhala	Ibakala 1 Izifinyezo/Iziphumlisi kwidilesi. Ukutsitywa komgca apho kuyimfuneko. Ukusetyenziswa kukanobumba ngendlela engeyiyo	Ibakala 1 Iimpazamo ezimbalwa kwindawo ezithile: Izifinyezo / Iziphumlisi. kwidilesi. nomhla Ukungakrwelewa komgca kwisihloko. Isibuliso nesiphelo esingalunganga	Ibakala 1 Iimpazamo ezininzi kuyo yonke indawo. Izifinyezo / Iziphumlisi. kwidilesi. Ukushiywa kwekhodi, umhla, isihloko sesivakalisi. Isibuliso esingafanelekanga nesiphelo.
2	(3) Indlela eyiyo, yorhwebo / yobuhlobo	(3) 100% elingileyo Indlela efunekayo yokubhala ;	(2) Indlela efunekayo yokubhala. Indlela ezimbalwa zobume – umgca ongatsiyewangwa apho kuyimfuneko	(1) Indlela eyiyo kodwa enempazamo ezimbalwa, Izinto ezishiyiweyo kubume	$\frac{1}{2}$ Indlela esmthethweni yokubhalwa kwencwadi yobuhlobo endaweni yasemthethweni.
3	(2) Indlela eyiyo - Yokubhala - Imvakalo-zwi - Ingcaciso mazwi Iziphumlisi, ub ume bezivakalisi, I	2 - Indlela egqibeleleyo yokubhala, ingcaciso mazwi nemvalizwi - Indidi zezivakalisi - Ezahlukeneyo - Ukwakhiwa. - Indlela ecacileyo yokusetyenziswa. kol	$1\frac{1}{2}$ - Indlela eyiyo yokubhala Ingcaciso mazwi - Ubuchule bokulungisa mabufikelelewe ngempumelelo - Izivakalisi ezipheleleyo - Indidi zezivakalisi Ezisesetyenzisiweyo.	1 - Ukuzama ubuchule bokulungisa - Isiphelo esingenasi sombululo. - Izivakalisi Ezingaphelelanga - ukulinga okungacacanga	$\frac{1}{2}$ - Indlela engeyiyo kwaphela okanye imvakalo-zwi engeyiyo. Iziivakalisi ezakhiwe ngokungacacanga nemihlathi

	Iziphumlisi, ubume bezivakalisi, I mihlathi	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Indidi zezivakalisi Ezahlukileyo</li> <li>- Ukwakhiwa.</li> <li>- Indlela ecacileyo yokusetyenziswa. kolwimi kungekho ziphene kwisintakisi</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Izivakalisi ezipheleleyo</li> <li>- Indidi zezivakalisi Ezisetyenzisiweyo</li> <li>- Imihlathi eyahlukeneyo yesiqu seleta</li> </ul>	Ezingaphelanga <ul style="list-style-type: none"> <li>- ukulinga okungacacanga efkwahlukaniseni imihlathi yesiqu seleta.</li> </ul>	
4	Ukuncamathela ngqo kwisihlalo	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Ukuncamathela ngokuzeleyo kwisihloko</li> <li>- Umxholo ofanelelaleyo</li> <li>- Ukufikelela Ngokupheleleyo kwinjongo</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Ukufikelela kakhulu kwisihloko</li> <li>- Ukufikelela ngempumelelo kwinjongo</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Ukuceba kwisihloko</li> <li>- Ukuswela inkcazelo</li> <li>- Ukunga ohumeleli Ekufikeni kwinjongo</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Ukuphetha uphumile kwisihloko</li> <li>- Umxholo ongafanelekanga</li> <li>- Ukungenziwa ngqo kwengongoma ephathele kwisihloko</li> </ul>
		14-15	12-13	10-11	9
		9-10	7-8	5-6	3-4

**AMANQAKU 30+2 = 15**

**INDLELA YOKUPHONONGA UBUCHULE BEMPENDULO KUNCWADI  
INDIMA EDLALAYO, IDAYARI ENTRI, UMBONGI,  
INQAKU LENDABA, ISIGCEKO-NCOMO, ISINCOKO NGXOXO, UMPHANGA ASHICILELWEYO, ILETA).**

	INDLELA YOKUPHONONGA	ILEVELI 1	ILEVELI 2	ILEVELI 3	ILEVELI 4
1	Into ekhoyo ngqo elikhokco incwadi	Onke amanqaku afunekayo afakiwe kukuhle	- Uninzi lwamanqaku afunekayo athe ngqo - Ambalwa amanqaku ashiyiwe (4)	Amanye amanqaku athe ngqo - ambalwa nagathanga ngqo (3)	- Ambalwa amanqaku athe ngqo - Amanzi amanqaku ashiyiwe. (2)
2	Indlela eyiyo yokuyila	Ukuyila okuphezulu okukungenisa kwinto entsha	Isiphiwo esingqindelana nento ekhoyo 7-8	Usiphiwo sokuyila esincinane kakhulu 2-3 5-6	Akukho siphivo sakuyila kwaphela 1 3-4
3	Ifomati	Ukubambelela ngqo kwifomati	Ukubambelela kakuhle kwifomati (4)	Inxalenye ibambebele kwifomati (3)	Akukho kubambelela kwaphela kwifomati (2)
4	- Imvakalazwi eyiyo - Isimbo skubhala - Ingcaciso-mazwi - Ukufaka iziphumlisi - Isakhiwo	- Ukumanyana ngqo okufanelekiyo kwenadi zezivakalisi - Isakhiwo esibonakalayo nokusetyenziswa kolwimi kakukhle kungekho zipheme ekubambeni izivakalisi	- Izivakalisi ezifanelekileyo - Iindidi zezivakalisi ezisetyenzisiweyo. 7-8	- Inxalenye ayifanelekanga - Izivakalisi ezingaphelanga ezibhadulayo 5-6	- Akukho kufaneleka kwaphela. - Ukwakhiwa kwezivakalisi 3-4
	(10)	9-10	7-8	5-6	3-4
<b>AMANQAKU 30+ 2 = 15</b>					



**INDLELA YOKUPHONONONGA UKUBHALWA KWEMIHLATHI EBHALWAYO**  
 (Ukuzaliswa kweFomo, I meyili, Memorandu, Ucingo, Izibhengezo, Imizuzu, obituary, ingxelo, review, i-ajenda, ukuzaliswa kwedayari)

**UHLELO OLUPHANTSI**

1	indlela eyiyo yokubhala (nje ngomzeleko othile)	<u>Ibakala 1</u> Ukufikelela/kwindlela yokubhala (ifomati) ngokupheleleyo	<u>Ibakala 2</u> Ifomati ayiyo	<u>Ibakala 3</u> Ukwayama kancinci kwifomati	<u>Ibakala 4</u> Akukhokwayama
	(8)	(8)	6-7	4-5	2-3
2	Imvakalao-zwi eyiyo - Ukubhala - Ingcaciso - Iziphumlisi - Ukwakhiwa	- Ukubunjwa kweyantlu kwano yeendidi zezivakalisi - Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi olucacileyo nokungabikho kweziphene kwisintaksi	- Ukulunga nokubhalwa kwezivakalisi ezileleyo - Ukusetyenziswa kwendidizezivakalisi ezahlukeyo I	- Ukungabikho okuthile - Izivakalisi ezingaphelelanga	-Ukungabikho okuthile kwaphela - izivakalisi ezingenamdlala/ ezingacacanga
	(12)	(12)	10-11	8-9	6-7
3	Ukuncamathela ngqo kwisihloko ubude obufunekayo	- ukuncamathela gqo kwisihloko - Ukufikelela ngempumelelo kwinjongo - Ubude obufunekayo	- ukuncamathela/ukufikelela kwinjongo nakubude	- Ubhala isihloko esingafikeleli kwinjongo ngempumelelo nobude	- Ukuphuma tu kwisihloko - Ukubakude kwaphela
	(10)	(10)	8-9	6-7	5-6

Ewonke:  $30 \div 2 = (15)$

**AMANQAKU: (15)**